



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

AMANQAKU

UVAVANYO LONYAKA NONYAKA KUZWELONKE LWAMA-2014 IBANGA 2 ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA UVAVANYO

AMANQAKU: 30

IXESHA: 1 IYURE

IPHONDO _____

ISITHILI _____

ISEKETHE _____

IGAMA LESIKOLO _____

INOMBOLO YE-EMIS (9 iidijithi)

--	--	--	--	--	--	--	--	--

IBANGA (Umz. 2A) _____

IFANI _____

IGAMA _____

ISINI (✓)

INKWENKWE

INTOMBAZANA

UMHLA WOKUZALWA

C	C	Y	Y	M	M	D	D
---	---	---	---	---	---	---	---

Olu vavanyo lunamaphepha ali-14 ngaphandle koqweqwe.


Imiyalelo kutitshala:

1. Fundela abafundi umbuzo ngamnye ngokucacileyo ungangxamanga.
2. Funda umbuzo kube kabini ubuncinane, ngelixa be jounge kwiincwadana zabo.
3. Banike ithuba lokuba bazibhalele ngokwabo kwizithuba ezinikiweyo.
4. Wonke umsebenzi mawenziwe kweli phepha, musa ukusebenza kwiphepha elisecaleni.
5. Bakuba begqibile, qhuba ubafundele umbuzo olandelayo.
6. Landela le migaqo ingasentla de ufike kumbuzo wokugqibela.
7. Uvavanyo lunamanqaku angama-30.
8. Uvavanyo luyimizizu engama-60.
9. Yenza umsebenzi wokuziqhelisa nabafundi.

Umsebenzi wokuziqhelisa:


1. Biyela unobumba ongentla kwegama elihambelana nomf'ankiso.

Le yi ...



A	B	C	D
kati.	nkomo.	nkuku.	nja.

2. Fakela uphawu (x) kwibhokisi enempendulo echanekileyo.



Le yi ...

kati.	
mpuku.	
n ja.	
nkomo.	x


Kolu vavanyo uza kuphendula imibuzo ef ana nale ugqiba kuyiphendula.

Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.

I. Jonga lo mfanekiso ulandelayo.

II. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Le yi ...



A isheleni.


B ishumi.

C igusha.

D ishiti.

1.2 Khetha igama elichanekileyo lomfanekiso kwibhokisi.
Bhala igama olikhethileyo kumgca osezantsi
komfanekiso.

mfusi	mfama	mfene	mfuyo
-------	-------	-------	-------



Le yi.....

1.3 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.
I... ineentsiba.

- A nyoka.
- B ntaka.
- C ngonyama.
- D nja.

Funda ibali uze uphendule imibuzo 2-8 engezantsi.

Isikolo samabanga aphantsi iVukani, sibambe ukhuphiswano lomdlalo webhola ekhatywayo lwezikolo zonke zamabanga aphantsi. Amakhwenkwe namantombazana ebanga lesibini onwabe kakhulu.

Umqeqeshi uqinisekisa ukuba bayazilungiselela rhoqo.

Umqeqeshi uvuthela impempe. Umntwana ngamnye kufuneka abaleke ngaphezulu nangaphantsi kwamavili, aze aye kutsiba phezu kwetrampolini aze aye kuthi ngcu phezu kwesitulo.

Umqeqeshi athi "Wenze kakuhle!"

Amantombazana namakhwenkwe aseVukani awuphumelela umdlalo webhola yesoka azibetha zonke ezinye izikolo.

Ukusebenza nzima kwabo kwaba nomvuzo. Babevuya kakhulu kuba babephumelele indebe enkulu.

Abantwana bayonwatyiswa kwivenkile yesikolo. Umqeqeshi ubapha iitshiphusi, itshizi, iziselo zeziqhamo, ubisi kunye nesonka sengqolowa.

2. Fakela uphawu (x) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo. Isihloko esifanele eli bali sithi.

Ukhuphiswano lwezikolo	
Ukhuphiswano lweeklasi	
Ukhuphiswano lwebhola ekhatywayo	
Ukhuphiswano lwebhola yomnyazi	

3. Fakela uphawu (x) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo. Ngubani owenza abafundi ukuba bazilungiselele yonke imihla?

Ngamakhwenkwe.	
Ngamantombazana.	
Yinqununu.	
Ngumqeqeshi.	

4. Gqibezela isivakalisi.

Ukhuphiswano lwebhola ekhatywayo lubanjelwe kwisikolo samabanga aphantsi i..... .

5. Landelelanisa iziganeko ngokwasebalini uzinombole 1-4 ezibhokisini.

Abantwana bayonwatyiswa.	
Isikolo iVukani saluphumelela ukhuphiswano lwebhola ekhatywayo.	
Isikolo iVukani sibambe ukhuphiswano lwesoka.	
Umqeqeshi waqinisekisa ukuba bayazilungiselela yonke imihla.	

6. Fakela uphawu (x) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Abantwana baluphumelela ukhuphiswano kuba ...

babezilungiselela rhoqo.	
umqeqeshi wayekhalisa impempe.	
babevuya kakhulu.	
babesonwatyiswa kwivenkile yesikolo.	

7. Fakela uphawu (x) kwibhokisi esecaleni kwempendulo echanekileyo.

Amantombazana namakhwenkwe onwaba kakhulu kuba ...

ayezilungiselela yonke imihla.	
aphumelela indebe enkulu.	
umqeqeshi wayewancedisa.	
babengonwatyiswa esikolweni.	

8. Phendula imibuzo engezantsi.

Bhala impendulo emgceni.

8.1 Yintoni oyithandileyo okanye ongayithandanga kweli bali?

.....

8.2 Nika isizathu sempendulo yakho

.....

9. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Leliphi igama elithetha into enye no "ukukhala"?

- A Ukulala
- B Ukulinda
- C Ukuvuya
- D Ukulila

10. Bhala impendulo echanekileyo emgceni.

Isichasi segama u "inkulu" ngu.....

11. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.
















11.1 Abantwana ba...ala ibhola ekhatywayo.

- A bh
- B hl
- C dl
- D ch

11.2 Umnqweno womqeqeshi kukuba a...umelele umdlalo.

- A kh
- B ph
- C sh
- D qh

12. Jonga igrafu uze uphendule imibuzo engezantsi.

Intengiso yeekeyiki yebanga lesi-2					
5					
4					
3					
2					
1					
Iintsuku	uMvulo	uLwesibini	uLwesithathu	uLwesine	uLwesihlanu

12.1 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.
Loluphi usuku abathengise ngalo ezona keyiki zininzi? Ngu...

- A Mvulo
- B Lwesibini
- C Lwesithathu
- D Lwesine

12.2 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.
Loluphi usuku abathengise ngalo ezona keyiki zimbilwa? Ngu...

- A Mvulo
- B Lwesibini
- C Lwesithathu
- D Lwesine

12.3 Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.
Leliphi ibanga elinentengiso yeekeyiki? Le ...

- A 3
- B 4
- C 1
- D 2

13. Biyela unobumba onempendulo echanekileyo.

Umqeqeshi ...sincedisisa.

- A za
- B ba
- C wa
- D sa

14. Bhala kwakhona izivakalisi ezilandelayo.

Qala ngegama olinikiweyo.

14.1 UThandi uya esikolweni.

Izolo.....
.....

14.2 UThemba u funda incwadi.

Ngomso.....
.....

15. Bhala kwakhona ezi zivakalisi.

15.1 Fakela iimpawu zokubhala **zibe mbini** kwisivakalisi esingezantsi.

UBongi utya inyama iziqhamo nemifuno veki nganye

.....
.....

15.2 Fakela uphawu lokubhala lube **lunye** kwisivakalisi esingezantsi.

Ingaba uyawuthanda umdlalo webhola ekhatywayo

.....

16. Isibizo ligama lomntu, lento okanye lendawo.


Jonga lo mfanekiso uze ubhale isibizo.

UZodwa unxibe i



.....entle.

17. Bhala umhlathi onezivakalisi ezi 5-8 ngalo mf' anekiso.



A large rectangular box containing ten horizontal dotted lines for writing.

EWONKE: 30